



URhulumente
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu

UBAMBISWANO NGAMANDLA

ISAZISO ESIBALULEKILEYO

ISIBHENGECO SOQULUNQO LWESICWANGCISO SOKUVUSELELA EZEMALI KUMASIPALA WASEKANNALAND SIYAFUMANEKA UKUFUMANA IZIMVO ZOLUNTU

Uqulunqo lwesicwangciso sokuvuselela ezemali lulungiselelelwe uMasipala waseKannaland njengexalenye yongenelelo olwenziwayo kuMasipala waseKannaland nguRhulumente weNtshona Koloni, esebenzisana neSebe loLawulo neNtsebenziswano neMicimbi yeSintu kuZwelonke, luyafumaneka ukufumana izimvo zoluntu.

Ngoko ke ikopi yalo iyafumaneka kwezi ndawo zilandelayo ngamaxesha okusebenza ukusukela ngomhla we-10 kweyoMdumba 2017 kude kube ngumhla wama-28 kweyoMdumba 2017:

- Ladismith Library (21 Queen Street)
- Zoar Library (Protea Road)
- Calitzdorp Library (Voortrekker Street)
- Vanwyksdorp Library (Church Street)

Lupapashiwe kananjalo kwiwebhusayithi kaMasipala waseKannaland engu-www.kannaland.gov.za

Nawuphi na umntu okanye umbutho ofuna ukuvakalisa izimvo zakhe ngoqulunqo lwesicwangciso sokuvuselela ezemali uyacelwa ukuba azifake ezibhalile ezo zimvo zakhe phambi okanye ngomhla wama-28 kweyoMdumba 2017, ngokuthi -

- (a) azithumele ngeposi ku:-
Mnu. Msimelelo Sigabi
UMlawuli oyiNtloko: liMali zoRhulumente woMmandla noMlungelelanisi weMFMA
UNondyebo wePhondo leNtshona Koloni
Private Bag X9165, Cape Town, 8000
- (b) azithumele nge-imeyili ku:-
Mnu. Msimelelo Sigabi
UMlawuli oyiNtloko: liMali zoRhulumente woMmandla noMlungelelanisi weMFMA
UNondyebo wePhondo leNtshona Koloni
Msimelelo.Sigabi@westerncape.gov.za
(Phawula ibhokisi yesihloko ngolu hlobo: IZIMVO NGOQULUNQO LWESICWANGCISO SOKUVUSELELA IMALI)
- (c) azithumele ngefeksi ku:-
Mnu. Msimelelo Sigabi
UMlawuli oyiNtloko: liMali zoRhulumente woMmandla noMlungelelanisi weMFMA
UNondyebo wePhondo leNtshona Koloni
Inombolo yefeksi: 021 483 4411; or
- (d) ngokuzisa ngesandla ku:-
Mnu. Raymond Esau
li-Ofisi zikaMasipala waseKannaland
32 Church Street
Ladismith

Oku kulandelayo kumele kubonakaliswe ngumntu okanye ngumbutho ofaka izimvo:

- Igama;
- Inombolo yomnxeba;
- Idilesi ye-imeyili kunye/okanye inombolo yefeksi; kunye
- neDilesi yePosi.

Nawuphi na umntu ongakwaziyo ukubhala angeza kwii-Ofisi zikaMasipala waseKannaland kwanombolo 32 Church Street ngamaxesha okusebenza ukusukela ngomhla we-10 kweyoMdumba 2017 kude kube ngumhla wama-28 kweyoMdumba 2017, eLadismith uze wenze idinga noMnu. Raymond Esau oza kunceda ekuchazeni izimvo zalo mntu ezimalunga noqulunqo lwesicwangciso sokuvuselela imali.